ISAZISO NGENTLAWULO ECETYWAYO YESIMANGALO SEQELA LABANTU ABACHAPHAZELEKAYO

UKUBA NGABA ULILUNGU LENGXOWA-MALI YEENZUZO ECHAZIWEYO YESIBINI YAKWA-TRANSNET (I-TRANSNET SECOND DEFINED BENEFIT FUND, TSDBF) OKANYE INGXOWA-MALI YOMHLALAPHANTSI YEZOTHUTHO (I-TRANSPORT PENSION FUND, TPF) (kuya kubhekiswa kuzo zombini ngokuhlangeneyo njengee "NGXOWA-MALI"), NCEDA USIFUNDE ESI SAZISO NANJENGOKO UCHATSHAZELWA KUKUPHUNYEZWA KWESI SIVUMELWANO.

AMALUNGU EENGXOWA-MALI AQUKA:

- **WONKE UMNTU OFUMANA IMALI YOMHLALAPHANTSI KWENYE YEENGXOWA-MALI**
- **WONKE UMNTU OSELILUNGU LE-TPF (UMSEBENZI NGAMNYE WASE-TRANSNET SOC LIMITED, E-SOUTH AFRICAN AIRWAYS SOC LIMITED ("SAA") OKANYE E-PASSENGER RAIL AGENCY OF SOUTH AFRICA ("PRASA") NOHLAWULA IMIRHUMO KWI-TPF).**

Ukuba ngaba ungumntu onomdla kwesi sivumelwano sicetywayo ("Iqela Elinomdla"), nawe kananjalo kumele usifunde esi saziso.

Amagqwetha aseGeyser & Coetzee nguMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo wamalungu e-TSDBF kunye ne-TPF (kuquka ingxowa-mali yePRASA engaphantsi kwe-TPF kunye nengxowa-mali ye-SAA engaphantsi kwe-TPF) kwiSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo esingeniswe ngakwezo Ngxowa-mali zimbini kunye neTransnet SOC Ltd **(iTransnet)**. Isimangalo seqela labantu abachaphazelekayo sasungulwa ngenxa yamabango avela:

- Kwisityholo sokuba ummeli walowo wandulela uTransnet kunye nabo bandulela iiNgxowa-mali benza isithembiso kumalungu eeNgxowa-mali ngo-1989. Esi sithembiso sityholwayo sesokuba iimali zomhlalaphantsi ziya konyuka rhoqo ngonyaka ubuncinane ngeqondo eliyi-70% lokwehla nokwenyuka kwamandla emali;
- Kwisityholo sokuba uTransnet wathathela kuye isibophelelo sabo bamandulelayo sokuhlawula imali kwiingxowa-mali ezindala zomhlala-phantsi (ezi ziingxowa-mali ezathi ekugqibeleni indawo yazo yathathwa ziiNgxowa-mali) ezazidingeka ukugcina iingxowa-mali ezindala zomhlala-phantsi zikwisimo esamkelekileyo sezezimali; kunye
- Nomnikelo ongekho semthethweni otyholwayo owenziwa kwenye yeengxowa-mali zomhlalaphantsi entsha kuTransnet.

ISimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo saqinisekiswa (sagunyazwa) yiNkundla Ephakamileyo ngomhla wama-31 Julayi ngo 2014 **(Umhla Wokuqinisekiswa)**. Abadli-mhlalaphantsi namanye amalungu e-TSDBF ne-TPF ngamalungu eQela Labantu Abachaphazelekayo. Akukho malungu angokunje eeNgxowa-mali awathi akhetha ukuzikhuphela ngaphandle kwiSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo.

Ummeli Osemthethweni weQela Elichaphazelekayo uthetha-thethane waze watyikitya isivumelwano kunye neeNgxowa-mali kwakunye noTransnet. Kananjalo aBameli Abasemthethweni beQela laBantu Abachaphazelekayo, abamnumzana JPH Pretorius noMontana Kwapha batyikitye isivumelwano. Amaqela abandakanyekayo kwisivumelwano afake isicelo kwiNkundla Ephakamileyo somyalelo wenkundla wokuba isivumelwano siwabophelele amaqela abandakanyeka kwiSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo, kuquka onke amalungu eQela Labantu Abachaphazelekayo.

Imimiselo efanelekileyo yesivumelwano sentlawulo ishwankathelwe ngale ndlela ilandelayo:

Imiqathango

Isivumelwano sentlawulo kufuneka senziwe sibe ngumyalelo weNkundla Ephakamileyo.

UMphathiswa wamaQumrhu kaRhulumente kunye noMphathiswa wezeZimali kufuneka bamkele izilungiso kumthetho ngokunxulumene ne-TSDBF kunye neNgxowa-mali engaphantsi kweyaseTransnet ye-TPF **(i-TSF)** ukuvumela ukonyuswa kweemali zomhlalaphantsi okukhankanywe kwisivumelwano sentlawulo esiza kuphunyezwa.

I-TSDBF kunye ne-TSF kufuneka zigunyazise imigaqo-nkqubo yokonyuswa kwemali yomhlalaphantsi evumela ukonyuswa kweemali zomhlalaphantsi okukhankanywe kwisivumelwano sentlawulo esiza kuphunyezwa.

Ingxowa-mali ye-PRASA engaphantsi kwe-TPF kunye nengxowa-mali ye-SAA engaphantsi kwe-TPF kufuneka zifumane izigunyaziso ezifunekayo ngokunxulumene nokuphuculwa kweenzuzo okuphakanyiswe kwisivumelwano sentlawulo ngokubhekiselele kwezo ngxowa-mali zimbini zingaphantsi kwezinkulu.

Eminye yale Miqathango inokuba seyifezekiswe ngokupheleleyo okanye inxalenye nje yayo ngomhla wesi Saziso.

Iintlawulo zeemali ezizizambuku

Amaqela avumelana ukuba zingekapheli iinyanga ezimbini sakuba isivumelwano sentlawulo sityikityiwe ngawo, nokuba ngaba ibengekafezekiswa yonke imiqathango elapha ngasentla, uMdli-mhlalaphantsi ngamnye ebeya kuhlawulwa isixa-mali esiyi-R10 000.00 (amawaka alishumi eeRandi). Isixa mali sahlawulwa ngoDisemba 2019. Abangaqukwanga apha ngabaBadli-mhlalaphantsi base-SAA, nabaya kuhlawulwa emva kokuba zinikeziwe izigunyaziso ezifumanekayo zenkampani zokuba kuhlawulwe.

Kwisithuba esingangonyaka omnye emva koko (malunga noDisemba 2020), uMdli-mhlalaphantsi uya kuhlawula isixa-mali sesibini esiyi-R10 000.00 (amawaka alishumi eeRandi).

Kwisithuba esingangonyaka omnye emva koko (malunga noDisemba 2021), uMdli-mhlalaphantsi uya kuhlawula isixa-mali sesithathu esiyi-R10 000.00 (amawaka alishumi eeRandi).

Intlawulo nganye esisambuku semali kumele yenziwe yingxowa-mali efanelekileyo sele kutsalwe imali yerhafu ingxowa-mali leyo ifanelekileyo enesibophelelo sokuba iyitsale okanye iyibambe ngokunxulumene noMdli-mhlalaphantsi ngamnye.

IiNgxowa-mali zinako ukwenza ngokokubona kwazo ngokunxulumene nokunikeza iibhonasi ngaphezu kwezi zixa zemali ngokuxhomekeke kwimithetho nemigaqo-nkqubo yazo ukuba ngaba ziyakwazi ukwenza oko ngokwezezimali.

Ukuba ngaba uMdli-mhlalaphantsi sele eselwekile, okanye uyasweleka phakathi koMhla Wokuqinisekiswa kunye nomhla ekufanele sihlawulwe ngawo isambuku semali, kuya kwenzeka okunye phakathi kwezinto ezimbini, ngokuxhomekeke kwiimeko zoMdli-mhlalaphantsi:

- Ukuba ngaba uMdli-mhlalaphantsi kukho nabaphi na abantu abaxhomekeke kunye ngokwenkxaso abashiya ngasemva nababonwa yimithetho yeNgxowa-mali leyo ifanelekileyo njengomlingane oseleyo womdli-mhlalaphantsi okanye umntwana oseleyo womdli-mhlalaphantsi, ngamnye ke ngoko kwabo badli-mhlalaphantsi 'batsha' baya kuba nelungelo lokuxhamla kwiinzuzo ezichazwe kwisivumelwano sentlawulo, ukusukela kumhla wokusweleka koMdli-mhlalaphantsi ukuya phambili, kuquka apho kufanelekileyo ukonyuka okunye okanye ngaphezulu kwemali yomhlalaphantsi kunye/okanye ukuhlawulwa kwemali esisambuku ethile enye okanye ngaphezulu, kwaye akukho sambuku (zambuku) semali esiya kuhlawulwa kwilifa lomfi.
- Ukuba ngaba akukho bantu abaxhomekeke ngokwenkxaso kuye abashiya ngasemva uMdli-mhlalaphantsi nabaselungelweni lokufumana iimali zomhlalaphantsi kwenye yeeNgxowa-mali okanye iingxowa ezingaphantsi kwezo zinkulu ngokwazo, ilifa lomfi alisayi kuba nabango kwi-TSDBF okanye kwi-TPF okanye kuyo nayiphi na ingxowa-mali engaphantsi kwe-TPF okanye ngaphantsi kwe-Transnet ngaphantsi kwesivumelwano sentlawulo okanye nantoni engenye.

Kwixa elizayo, emva kokuba kwenziwe iintlawulo zezambuku zemali ezi-3, ibhodi yabaphathiswa bethrasti yeNgxowa-mali nganye iyakuba namandla okwenza iintlawulo zezambuku zemali kubadli-mhlalaphantsi nangaliphi na ixesha ababona benokukwazi ngokwezimali, ngezo zixa ababona zifikeleleka.

Ukuphuculwa kweemali zomhlalaphantsi

I-TSDBF kunye ne-TPF ziya kuqhubeka nokonyusa imali yomhlalaphantsi ubuncinane nge-2% ngonyaka ngamnye, ngexesha eliqhelekileyo.

Iimali zomhlalaphantsi zaBadli-mhlalaphantsi ziya konyuka ngokwahlukeneyo ngokuxhomekeke ekubeni umdli-mhlalaphantsi lowo ulilungu (i) le-TSDBF, i-TSF okanye ingxowa-mali ye-PRASA engaphantsi kwe-TPF; okanye (ii) ingxowa-mali ye-SAA engaphantsi kwe-TPF.

Oku konyuka kweemali zomhlalaphantsi okukhethekileyo kuya kwenziwa ngaphezulu kokwenyuka kwemali yomhlalaphantsi ngobuncinane obuyi-2% obenziwa rhoqo ngonyaka.

Ukonyuswa kwemali okukhethekileyo kweemali zabadli-mhlalaphantsi be-TSDBF, i-TSF nengxowa-mali ye-PRASA engaphantsi kwenkulu:

Kwisithuba seenyanga ezimbini emva kokufezekiswa kwayo yonke iMiqathango iingxowa-mali ziya kwenza ukonyuka okukhethekileyo kwemali yomhlalaphantsi, ngokulinganayo kumntu wonke nge-11% (iipesenti ezilishumi elinanye).

Kwisithuba esingangonyaka omnye emva koko, iingxowa-mali ziya kwenza ukonyuka kwesibini kwemali yomhlalaphantsi ngokulinganayo kumntu wonke nge-7% (iipesenti ezisixhenxe).

Kwisithuba esingangonyaka omnye emva kokonyuka nge-7%, iingxowa-mali ziya kwenza ukonyuka kwesithathu kwemali yomhlalaphantsi ngokulinganayo kumntu wonke nge-4% (iipesenti ezine).

Qaphela ukuba ingxowa-mali ye-PRASA engaphantsi kwenkulu kuya kufuneka ukuba iyitshintshe imithetho yayo ukuze ikwazi ukunikeza futhi ihlawule iimali ezikhethekileyo zokonyusa imali yomhlalaphantsi kuBadli-mhlalaphantsi bayo, ngoko ke ukonyuka okukhethekileyo kwemali yomhlalaphantsi okumele kwenziwe yingxowa-mali ye-PRASA engaphantsi kwenkulu akusayi kwenzeka de ingxowa-mali ifumane ugunyaziso oluvela kumqeshi kunye noMphathiswa ofanelekileyo ngokunxulumene noko kutshintshwa komthetho.

Ukonyuswa kwemali okukhethekileyo kwemali yabadli-mhlalaphantsi bengxowa-mali ye-SAA engaphantsi kwenkulu

Kwisithuba seenyanga ezimbini emva kokufezekiswa kwayo yonke iMiqathango ingxowa-mali ye-SAA engaphantsi kwengxowa-mali ye-TPF iya kwenza ukonyuswa okukhethekileyo kwemali yomhlalaphantsi kuMdli-mhlalaphantsi ngamnye wayo ukuya kutsho kwisixa-mali esigqitywe ngumthelekeleli wayo njengemali yomhlalaphantsi uMdli-mhlalaphantsi lowo ebeyakuba selungelweni lokuyifumana ngomhla eqala ngawo ukonyuka imali ukuba ngaba uMdli-mhlalaphantsi lowo ebefumene imali yomhlalaphantsi eyonyusiweyo yarhoqo ngonyaka, ukusukela ukuhlawulwa okokuqala kwemali yomhlalaphantsi, elingana ne-70% yokwehla nokwenyuka kwamaxabiso (utshintsho lwe-CPI unyaka nonyaka).

Ukonyuswa okungaphaya kwemali yomhlalaphantsi

Ukusuka kunyaka olandela ukonyuswa okukhethekileyo kwemali nge-4%, nokuya phambili, imigaqo-nkqubo yokonyuswa kwemali yomhlalaphantsi yengxowa-mali ye-TSDBF nekaTransnet engaphantsi kwengxowa-mali ye-TSF iya kujolisa ekonyusweni kweemali zomhlalaphantsi ubuncinane nge-70% (iipesenti ezingamashumi asixhenxe) ye-CPI (kuquka ukonyuswa nge-2% ubuncinane kubalo lwe-70% ye-CPI). Ukuphunyezwa kokwenyuswa kwemali okujoliswe kuko kuxhomekeke ekubeni imali ekonyuswa ngayo ifikeleleke kunye nakwimvume yomqeshi.

Iibhodi zeengxowa-mali ezingaphantsi kwezo zinkulu ze-PRASA ne-SAA zinokonyusa imali yomhlalaphantsi yaBadli-mhlalaphantsi bazo ngemali elinganayo okanye engaphezulu, kodwa engekho ngaphantsi, kwaleyo yokonyuswa okukhethekileyo okuchazwe apha ngasentla.

Izibophelelo zeenkampani ezifanelekileyo ezingabaqeshi (uTransnet, i-SAA ne-PRASA) ngokunxulumene neeNgxowa-mali, kuquka nezibophelelo zaba baqeshi zenkxaso yemali, ziya kuqhubeka zimile ngokubhekiselele kwiiNgxowa-mali futhi zibandakanye nophuculo lweenzuzo olukhankanywe kwisivumelwano sentlawulo.

Impembelelo yentlawulo yesimangalo seqela labantu abachaphazelekayo kwabo basengamalungu e-TPF

Abo basengamalungu e-TPF abasayi kufumana naziphi na iinzuzo ezikhawulezileyo zemali ezifana neentlawulo ezizambuku zemali okanye ukonyuswa kweemali zomhlalaphantsi kwangoko njengoko kuchaziwe apha ngasentla. Abo basengamalungu abathe baya kumhlalaphantsi ngaphambi kokuhlawulwa kwenzuzo yokugqibela ngokwemimiselo yesivumelwano sentlawulo baya kuxhamla kwezo nzuzo zentlawulo ekumele zihlawulwe ukusuka ngomhla wokuya kwabo kumhlalaphantsi. Abo basengamalungu abathe baya kumhlalaphantsi emva kokuhlawulwa kwenzuzo yokugqibela ngokwemimiselo yesivumelwano sentlawulo baya kuxhamla kuko nakuphi na ukonyuswa kweemali zomhlalaphantsi ngemali engaphezulu kwe-2% okunokwenziwa yingxowa-mali yabo okanye ingxowa-mali engaphantsi kwaleyo inkulu ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo wokonyuswa kweemali zomhlalaphantsi wengxowa-mali efanelekileyo.

Iindleko Zasemthethweni zeQela Labantu Abachaphazelekayo

UTransnet nguye oya kuhlawula iindleko zeQela Labantu Abachaphazelekayo (zabadli-mhlalaphantsi) zasemthethweni nezo zeengcaphephe zothelekelelo-manani ngokunxulumene neSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo ngaphantsi kwemimiselo ekuthetha-thethwene nayo noMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo.

Intlawulo nokupheliswa kweSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo

UMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo uya kufumana umyalelo ovela eNkundleni wokuba iSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo kunye namabango eQela Labantu Abachaphazelekayo ahlawulwe ngokupheleleyo kwaye ke ngoko ekugqibeleni siphelisiwe iSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo.

Isivumelwano sentlawulo, njengoko siqinisekisiwe kumyalelo weNkundla Ephakamileyo, siya kubhangisa nawaphi na kunye nawo onke amabango angeniswe lilo naliphi ilungu leQela Labantu Abachaphazelekayo ngokubhekiselele kuye nawuphi umntu ngokunxulumene nokufumana iimali kwangaphambili kweeNgxowa-mali (okanye abo babandulelayo), ukukwazi kweeNgxowa-mali ukonyusa imali yomhlalaphantsi ngemali engaphezulu kwe-2% ngonyaka kwilixa elingaphambili, utyalo-mali lwangaphambili kunye nezinye iintengiselwano ezathi zachaphazela okanye ezibonwa njengezithe zakuchaphazela oko kukwazi, kwakunye nokubakho okanye isimo selo 'tyala liyintsalela' njengoko lichaziwe kwiSimangalo seQela Labantu Abachaphazelekayo.

Uhlenga-hlengiso ngokwezimali oluchaphazela iiNgxowa-mali

Iimpahla ezithile, njengoko kucetywa ziingcaphephe zothelekelelo-manani zeeNgxowa-mali futhi ezivunyiweyo ziiNgxowa-mali, ziya kudluliselwa ukusuka kwingxowa-mali engaphantsi kwaleyo yaseTransnet ye-TSF ukuya kwi-TSDBF ukwenza ukuba i-TSDBF ikwazi ukwenza uphuculo oludingekayo kunye neentlawulo ngexa ekudingeka ukuba zihlawulwe ngalo.

IiNgxowa-mali kunye noTransnet zisenokuvumelana ukuhlanganisa iiNgxowa-mali kunye nobulungu bazo kwixesha elizayo, kwaye akukho naliphi kumalungu okanye abameli beQela Labantu Abachaphazelekayo elinokuthintela oko.

Uviwo lokwamkelwa kwentlawulo

Olu lwazi lulandelayo lubhekiswe kumalungu eQela Labantu Abachaphazelekayo okanye naliphi na iqela elinomdla nelinomdla kwisivumelwano sentlawulo.

- Uviwo nalapho iNkundla Ephakamileyo iza kuqwalasela ukuba isamkele na isivumelwano sentlawulo esicetywayo luza kubanjwa ngomhla we-**14 APHRILI 2020 (Umhla Wokungeniswa kweMpendulo) kwiNkundla Ephakamileyo ePitoli, Paul Kruger & Madiba St, Pretoria Central, Pretoria, ngo-10:00 a.m**.
- Naliphi na ilungu leQela Labantu Abachaphazelekayo okanye iqela elinomdla elifuna ukuthatha inxaxheba kuviwo ngomhla Wokungeniswa kweMpendulo, linokungenisa iimbono zalo kwiNkundla Ephakamileyo malunga nokuba ingaba isivumelwano sentlawulo esicetywayo samkelekile na, sifanelekile futhi sanele, ngokusekelwe koku kukhankanywe ngezantsi.
- Naliphi na ilungu leQela Labantu Abachaphazelekayo okanye iqela elinomdla elifuna ukuphikisana nesivumelwano sentlawulo esicetywayo, okanye nayiphi na inxenye yaso, kufanele lilandele la manyathelo alandelayo ukwenza oko:
  - Isaziso sokuvela, esisekelwe kwifomu engafumaneka kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo (www.geysercoetzee.co.za), kufuneka sihanjiswe kuMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo, futhi singeniswe kule Nkundla Ephakamileyo engasentla, ngaphambi komhla wama-**31 MATSHI 2020**.
  - Ilungu leQela Labantu Abachaphazelekayo okanye iqela elinomdla elingenise isaziso sokuvela kunye nencwadi efungelweyo libizwa ngokuba, ukuya phambili kolu xwebhu, ngu **"Mphikisi"**.
  - Umphikisi kumele ahambise kuMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo, aze angenise kule Nkundla Ephakamileyo engasentla, incwadi efungelweyo ephendulayo nedandalazisa oko kusekelwe kuko ukuphikisa kwalo ngaphambi komhla we-**7 APHRIL 2020**.
  - Abaphikisi kufuneka bahambise amaxwebhu achazwe apha ngasentla (isaziso sokuvela kunye nencwadi efungelweyo ephendulayo) kuMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo ngesandla okanye ngefeksi okanye nge-imeyile, kwaye iinkcukacha zezi:

    GEYSER & COETZEE ATTORNEYS
    The Class Legal Representative
    9 Baobab Nook
    Zwartkop x 4
    Centurion
    Ibhekiswe: WW Coetzee
    Umnxeba: 012 663 5247
    Ifeksi: 012 663 5719
    I-imeyile: wynanda@geysercoetzee.co.za
- Qaphela ukuba ngaba akukho zaziso zokuvela kunye nazincwadi zifungelweyo ziphendulayo ezingenisiweyo kumaxesha achazwe apha ngasentla, umba lowo uya kumiselwa ukuba uviwe **ngaphandle kwempikiso** ngoMhla Wokungeniswa kweMpendulo (**14 APHRILI 2020**)
- Ukuba ngaba uyaphikiswa umba, uMhla Wokungeniswa kweMpendulo uya kumiswa ukusuka ngomhla we-**14 APHRILI 2020** ukuya ngomhla we-**17 JUNI 2020** okanye nawuphi na omnye umhla okanye imihla engaphambili enokuyalelwa yiNkundla ephakamileyo.
- UMmeli weQela Labantu Abachaphazelekayo (uMnu JPH Pretorius noMnu DM Kwapa), iiNgxowa-mali kunye noTransnet (behlangene "Abafaki-zicelo") bangangenisa iincwadi ezifungelweyo eziphendulayo ngokunxulumene nazo naziphi na iincwadi ezifungelweyo ezingeniswe ngamaQela Aphikisayo ngaphambi komhla wesi-**4 MEYI 2020**.
- Abafaki-zicelo kufuneka bangenise izimvo zabo ezibhalwe phantsi ngaphambi komhla we-**18 MEYI 2020**.
- Naliphi na iQela Eliphikisayo kufuneka lingenise izimvo ezibhalwe phantsi ngomhla okanye ngaphambi komhla we-**25 MEYI 2020**.
- Abafaki-zicelo kufuneka bangenise izimvo ezibhalwe phantsi neziphendula kumaQela Aphikisayo ngaphambi komhla wesi-**2 JUNI 2020**.
- Abafaki-zicelo baya kunika amaQela Aphikisayo isaziso ngokunxulumene nalo mhla (imihla) ungomnye okanye ungaphambili wokungeniswa kwempendulo kwaye baya kupapasha isaziso kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo kunye neyaseTransnet.
- Yakuba iziqwalasele izimvo ezingenisiweyo, iNkundla iya kukhupha umyalelo ochazayo, ngaphambi kweentsuku ezintlanu (5) zokusebenza kwenkundla ezingaphambi koMhla Wokungeniswa kweMpendulo, wokuba ziya kuvunyelwa na iingxoxo-zimvo ezingeniswa ngomlomo. Umyalelo weNkundla uya kupapashwa kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo kunye neyaseTransnet.
- Imbalelwano ebhekise kulo naliphi na iQela Eliphikisayo iya kwenziwa nge-imeyile ithunyelwe kwidilesi ye-imeyile leyo ebhalwe kweso saziso sokuvela seQela Eliphikisayo.
  - **NCEDA** uqinisekise ukuba uya rhoqo kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo okanye eyaseTransnet (www.transnet.net) ukufumana naluphi na ulwazi olutsha kunye/okanye utshintsho kwimihla yoviwo.
- Ungayifumana ikopi yomyalelo weNkundla, isivumelwano sentlawulo kunye neekopi zamaphepha angeniswe kwiNkundla Ephakamileyo nguMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo, uTransnet kunye neeNgxowa-mali avela kuMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo (iinkcukacha zoqhagamshelwano zilapha ngasentla).
- Ikopi ze-elekronikhi zala maxwebhu ziya kufumaneka kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo.

Intlawulo ekugqitywe kuyo

- Ukuba ngaba iNkundla isamkele isivumelwano, isishwankathelo sesigqibo seNkundla siya kupapashwa kumaphephandaba.
- Imimiselo epheleleyo yesigqibo seNkundla kwakunye nentlawulo ekugqitywe kuyo iya:
  - kufumaneka kwii-ofisi zamaGqwetha aseGeyser & Coetzee (idilesi ilapha ngasentla);
  - kuxhonywa kwiwebhusayithi yoMmeli Osemthethweni weQela Labantu Abachaphazelekayo kwakunye nakwiwebhusayithi yaseTransnet; futhi
  - iyakuthunyelwa kumphikisi ngamnye.

GEYSER & COETZEE PROKUREURS ATTORNEYS

TSDBF TRANSNET SECOND DEFINED BENEFIT FUND

TPF Transport Pension Fund